

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Kudala-dala zonke iindlovu zazinemiboko emifutshane.

Ngaminazana ithile iindlovu zazisitya endle.

UBubu ithole lendlovu wahamba-hamba waze wakude nosapho lwakhe. Wahamba, wahamba, wahamba. Ngangendlela awayehamba ngayo zange eve naxa ekhwazwa ngabakokwabo.

"Ndifuna ukubona ilizwe," watsho uBubu.



Kungekudala, walahleka uBubu.
"Ndifuna usapho lwam," wacinga.

Wathi esacinga njalo wadibana nengonyama.

"Ingaba ndiyingonyama?"
"Ingaba ndingowakowenu?"
wabuza uBubu.

"Hayi. Akunamazinyo amakhulu kwaye akukwazi ukugquma.
Hamba uyiya kumama wakho,"
watsho uNgonyama.

Wahamba ke wehla ngomlambo waze wadibana nemvubu.

UBubu wayibuza imvubu wathi, "Ingaba ndiyimvubu mna? Ndingowakowenu?"

"Hayi, kaloku akulali phantsi kwamanzi. Uneendlebe ezinkulu ke mna ndineendlebe ezincinci. Hamba uye kumama wakho," watsho uMvubu.



Wahamba wahamba wade wadibana nendlulamthi. Waqwanya wajonga phezulu kwindlulamthi.

UBubu wabuza kwindlulamthi, "Ungumama wam wena? Ingaba ndingowakowenu?"

"Hayi. Unentamo emfutshane. Hamba uye kumama wakho," watsho uNdlulamthi.



Wahamba, wahamba, wahamba wade wazibona ekhubeka kufudo. Wajonga phantsi kufudo.

"Ingaba ndingowakowenu?" ubuzile uBubu.

"Hayi. Akuyibeleki emqolo indlu yakho. Hamba uye kumama wakho," utshilo uFudo.



UBubu wahamba wada wafika emlanjeni apho wabona khona ingwenya. Ingwenya yavuza izinkcwe kwangoko ifuna ukumtya uBubu njengesidlo sayo sasemini.

UBubu wayibuza ingwenya, "Ingaba ndingowakowenu? Ingaba ndingumntwana wakho?"

"Sondela ukuze ndikubone kakuhle," watsho uNgwenya.

Usizana olunguBubu lwangena emanzini lwasondela kwingwenya yaze ...



Ingwenya yamthi nqaku ngempumlo uBubu. Ingwenya yamtsala, yamtsala, yamtsala.

Kuthe kusenjalo kwathi gqi umama kaBubu, walubona usana lwakhe lusengozini. "Yeka usana lwam!" wakhwaza watsho kwingwenya. Wathi nqaku uBubu ngomsila wamtsala wamkhupha kuloo mlambo.

"Owu! Bubu sana lwam! Uvela phi?" watsho umama kaBubu. UBubu waphendula ngelizwi eliphantsi elusizi, "Bendikhangela wena."



"Kwowu! Jonga umboko wam omde," watsho uBubu.

"Awubukeki mpela."
"Ungakhathazeki wena," watsho uNtakana emthuthuzela.
"Ungakunceda lo mboko wakho uzitshize ngamanzi, kanti ke ungakha ngawo neziqhamo emthini," watsho uNtaka.

UBubu wahamba edlisela ngomboko wakhe ewujiwuzisa ngapha nangapha. Wawonwabela kakhulu umboko wakhe omde. Zathi zakumbona ezinye iindlovu, nazo zanqwenela ukuba nemiboko emide.



Zagqiba kwelokuba ziyitweze neyazo imiboko. Ukususela ngoko kude kube ngoku, zonke iindlovu zaba nemiboko emide.



Ukususela ngoko uBubu akazange aphinde ahambele kude nosapho lwakhe.

Wayezazi ukuba akayongonyama okanye imvubu. Wayengeyondlulamthi okanye ufudo. Kwaye wayengeyongwenya.

WayenguBubu kwaye eyindlovu. Wayengowosapho lweendlovu.

"Ndiyindlovu," watsho uBubu.

## Zingce ngesiqu sakho!



# Amanqaku ayinyaniso ngezilwanyana

## IINDLOVU



1 Zombini imazi nenkunzi yendlovu zinamababamba. Ziwasebenzisela ukugrumba nokufuna ukutya.



2 Indlovu eliduna kuthiwa yinkunzi. Indlovu elithokazi kuthiwa yimazi. Umntwana wendlovu kuthiwa lithole.



3 Indlovu endala ingatya ukutya okumalunga nama-300 kg isele amanzi angangeelitha ezili-160 ngemini.




4 Iqela leendlovu libizwa ngokuba ngumhlambi.



5 Iindlovu zikholisa ukulala iiyure ezi-2 okanye ezi-3 ngosuku ngalunye.



6 Iindlovu ziyakwazi ukuva ukukhala kwenye zikude kangangeekhilomitha ezisi-8.



7 Iindlovu zaseAfrika zinesivamvo sokunukisa esibukhali kakhulu. Ziyakwazi ukuva ivumba lamanzi zikude kangange-19 km.



8 Eyona ndlovu yakhe yankulu eyaziwayo yayinobunzima obungange-10 886 kg nobude obungange-3,96 m.



9 Iindlovu zisebenzisa imiboko yazo ukuzitshiza ngamanzi zizipholise xa kushushu kakhulu.




10 Kuba zitshiswa lilanga, iindlovu zizikhusela ngokuziqaba ngesanti nangodaka.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Xela ukuba ngowuphi umfanekiso oza kuqala, owesibini, owesithathu nowokugqibela. Emva koko sebenzisa le mifanekiso ikuncede ubalisele umhlobo wakho ibali.






2 Funda imibuzo. Xelela umhlobo wakho iimpendulo.

a. Sithini isihloko seli bali?
b. Ngubani oyena mlinganiswa uphambili?
c. Zeziphi izilwanyana ezikweli bali?
d. Kwenzeka ntoni kwindlovu encinci?
e. Ucinga ukuba eli bali liyinyaniso?
f. Igama elithi "Ndingowakowenu?" ulifumana amatyeli amangaphi ebalini?
g. Ungacela uncedo kwingwenya wena? Nika isizathu sempendulo yakho.



3 Sebenzisa amagama nemifanekiso oyinikiweyo ukuze ugqibezele izivakalisi. Bhala izivakalisi encwadini yakho.







| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| indlulamthi | ufudo | ingonyama | ingwenya | uBubu |

| |
|---|
| "Ingaba ungumama wam," ubuzile______. |
| ______ inentamo ende. |
| ______ lubeleka indlu yalo emqolo. |
| ______ yayifuna ukutya uBubu. |
| ______ iyagquma kwaye inamazinyo amakhulu. |



## 4 Yenza lo msebenzi encwadini yakho.

a. Funa amagama anezi zandi ebalini uze uwabhale:

| | | | |
|---|---|---|---|
| ndl | ty | mv | qw |

b. Bhala amagama azo zonke izilwanyana ezikweli bali. Sebenzisa ikoma phakathi kwamagama owadwelisileyo.

c. Bhala amagama akwikholam esekuqaleni. Wakugqiba bhala amagama ahambelana okanye avakala ngokufanayo naloo magama.

| | | | |
|---|---|---|---|
| tshiza | tshisa | tshela | tshila |
| umntwana | intwana | umfana | intwaso |
| hlamba | hamba | thamba | hlala |


d. Bhala izivakalisi ezi-4 ukuya kwezi-6 malunga nokwenzeka kuBubu.



## 5 Phawula le mifanekiso.

Igama ngalinye libe nesandi esingu-ndl.

a. 

b. 

c. 

d. 

Inqanaba: 2

# Incwadi 1

| | |
|---|---|
| Isihloko: | UBubu ulahlekile |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yamabali yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Incwadi yesi-2 Inqanaba 1 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | ulahlekile, ndingowakowenu, wabuza, akukwazi, itshilo, wahamba, wade, kudala-dala, ngaminazana, wakho, edlisela |
| Isigama: | iindlovu, imiboko, ingonyama, iyagquma, umkhombe, imvubu, indlulamthi, ufudo, ingwenya, nqaku, wamtsala, thuthuzela, ekhubeka, tweza |
| Izandi: | ii, d, ndl, khw, nj, b, bh, ts, tw, gq, ee, ngw, mv. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Balisa ibali kwakhona usebenzise imifanekiso.<br>▪ Funda uze uphendule imibuzo yovavanyo lokuqonda.<br>▪ Gqibezela izakhelo zezivakalisi usebenzise imifanekiso namagama<br>▪ Chonga amagama anemvano-siphelo.<br>▪ Khangela amagama anezi zandi zilandelayo ebalini: ee, ii, ndl, nkcw<br>▪ Yenza uluhlu lwezilwanyana ezisebalini, uzahlule ngekoma.<br>▪ Bhala izivakalisi ezimalunga nesi-4 ukuya kwisi-6 ezingebali.<br>▪ Bhala izihloko zemifanekiso. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2635-2
9 781431 526352

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2635-2

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.